Isalathiso: 20200619-6584
Inombolo yefayili: 5/1/7/4
Imibuzo: JT Solomons

ISetyhula: 0043/2020
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kuBaphathi beeSekethe nakumaGosa akwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili

Isishwankathelo esifutshane: Ukwazisa amagosa asebenzisa izithuthi zikarhulumente (GG) ngemfuno yokungenisa ifom ezalisweyo yokungqinisisa iinkcukacha zomqhubi kwakunye neekopi zelayisenisi esemthethweni ezicacileyo neziqinisekisiweyo zabo, isazisi kunye nobungqina bendawo yokuhlala

Isihloko: Ukuzaliswa nokungeniswa kwefom *ezalisweyo yokungqinisisa iinkcukacha zomqhubi* kunye namaxwebhu obungqina abasebenzisa izithuthi zikarhulumente (*GG*)

1. Le setyhula ihlaziyiwe kwaye itshitshisa yaye iyithathe ngokupheleleyo indawo yeSetyhula 0020/2015, yomhla we-10 Apreli 2015.

2. Injongo yale setyhula kukwazisa amagosa ekufuneka asebenzise izithuthi zikarhulumente (*GG vehicles),* ukuba iCandelo leziThuthi eziziMoto zikaRhulumente (*Government Motor Transport*) (*GMT*) liqalise inkqubo yokufumana iinkcukacha ezininzi zabo bonke abaqhubi bezithuthi zikarhulumente ukwenzela ukuba kumiselwe kwaye kugcinwe iziko ledatha labaqhubi kwi-i*Fleetman* (*Vehicle Fleet Management System*), nokuba kuthunyelwe ngqo izaziso zokophula umthetho wendlela kwigosa elichanekileyo kunye nenjongo yokunika umqhubi ngamnye iithegi zabaqhubi (*driver tags)* (*Orange VDO tags*) kumagosa abelwe izithuthi ze-*GG*.

3. UMthetho i-Administrative Adjudication of Road Traffic Offences Act, 1998 (Act 46 of 1998), njengoko ufakelwe izilungiso, ubeka uxanduva olukhulu kubasebenzi abajongene nokusetyenziswa kwezithuthi ezininzi ukuba bafumane iinkcukacha ezichanekileyo kubaqhubi, ingakumbi ezimalunga ngokuxhomekeke ekuphunyezweni kwesistim yokuxhuzulelwa amanqaku ngokwaphula umthetho wendlela (*new de-merit system*), ejoliswe kubaqhubi abophule umthetho wendlela. Oku kungakhokelela ekunqunyanyisweni okanye ekucinyweni ezincwadini kwelayisensi yokuqhuba. Amagosa ekunqunyanyiswe okanye ekucinywe iilayisensi zawo zokuqhuba akayi kuvunyelwa ukuba aqhube izithuthi ze-GG.

4. Ngoko ke, kucelwa ukuba abaphathi abajongene nalo msebenzi neentloko zee-ofisi nezamacandelo ziqinisekise ukuba onke amagosa asebenzisa izithuthi zikarhulumente ii-*GG* azalisa ifom eqhotyoshelweyo ezalisweyo yokungqinisisa iinkcukacha zomqhubi nemayithunyelwe namaxwebhu abubungqina aceliweyo kwifom, kuNdlunkulu weSebe leMfundo leNtshona Koloni (ukwenzela ukuba ziqwalaselwe nguNks F Abdou, kwiGumbi 2-07).

5. Kwamkeleke kuphela iifotokopi ezicacileyo, eziqinisekisiweyo zesazisi nezelayisensi yokuqhuba, kunye nobungqina bedilesi yendawo yokuhlala (engekho ndala kuneenyanga eziyi-3).

6. Kucelwa ukuba amagosa athumele nge-imeyili amaxwebhu, acacileyo asikeniweyo anombala (*clearly scanned in colour)* enziwe nge-*compressed TIFF* okanye i-*PDF format.* Niyakhunjuzwa ukuba ubukhulu befayili eqhotyoshelwe kwi-imeyili bungagqithi ku-50 000 *KB* (*5 MB*).

7. Xa iphelelwe ilayisenisi yokuqhuba yegosa, ikopi yekhadi lelayisensi yokuqhuba ehlaziyiweyo/ilayisensi yokuqhuba yexeshana kufuneka ingeniswe kwigosa lezothutho ukuze ihlaziywe kwiziko ledatha labaqhubi kwi- *GMT*.

8. Amagosa angaphumelelanga ukungenisa iifom zawo okanye angabhalisanga kwisistim i-*iFleetman* (*iFleetman system)* akayi kugunyaziswa ukuba aqhube izithuthi ze-*GG*. Isistim i-*iFleetman* ayisayi kuvumela amagosa ezothutho ukuba anikezele izithuthi zeGG kumagosa ukuba awabhalisanga kwisistim.

9. Ukufumana iinkcukacha ezingaphezulu, kungaqhagamshelwana nalo naliphi na igosa kula alandelayo akwaNdlunkulu:

Nksk F Abdou	Inombolo yefoni 021 467 2811
Nksk C Albertus	Inombolo yefoni 021 467 2794
Nks V Ntshinga	Inombolo yefoni 021 467 2808
Nks A Gana	Inombolo yefoni 021 467 2715

10. Okuqulethwe kule setyhula makwaziswe bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2020-10-26